

# ISISHWANKATHELO ESINGENABUCHWEPHESHE

## IDrafti yeNgxelo yoMiselo-mda - i-ESIA Yeentshukumo Ezongezekileyo Zokuhlola kwi Bloko 11B/12B yi TOTAL E&P SOUTH AFRICA B.V

### 1. INTSHAYELELO

Esi siShwankathelo singenabuchwepheshe sibonelela ngamagqabantshintshi eDrafti yeNgxelo yoMiselo-mda (i-DSR) alungiswe njengenxalenye yenkqubo yoVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo kunye naseLuntwini (i-ESIA) ye TOTAL E & P South Africa B.V. (i-TEPSA). Esi siShwankathelo siyafumaneka ngesiNgesi, isiBhulu nangesiXhosa yaye isasazwa ngamahlakani achaphazelekayo njengesiseko sesaziso nokunikwa koluvo.

U TEPSA ufaka isicelo sesiGunyaziso sokusiNgqongileyo ukuze enze iintshukumo ezongezekileyo zokuhlola kwixesha elizayo cebu kuhle kuNxwebe oluseMazantsi eKapa kwiBloko yeLayisenisi 11B/12B (bona Umzobo 1). Umda osemantla weBloko 11B/12B uphakathi kwamalunga nama 45 km ne 130 km cebu kunxweme le Cape St. Francis ne Mossel Bay, ngokuhambelana.

U TEPSA uneLungelo analo lokuHlola iBloko 11B/12B elivumela ukwenziwa kweentshukumo eziliqela zokuhlola, kuqkwa uphando lonyikimo lomhlaba, uphando lomgangatho phantsi kwamanzi (i-sonar bathymetry surveys), iisampuli zentlunge nokubholwa kwamaqula kuhlolwa. Ukususela ngexesha kunikwa iLungelo lokuHlola okokuqala, zenziwe iintshukumo ezininzi zokuhlola kwibloko, nto leyo ekhokelele ekufunyanisweni kwerhasi e Brulpadda ngo 2019. Iintshukumo zisaqhubeka kwibloko.

U TEPSA uphakamisa ngoku nje ukwenza ezinye iintshukumo zokuhlola ezongezekileyo zokubhola kwanezinyo ezayamene nako kummandla obanzi kunakuqala ukuqinisekisa ngcono ukufunyaniswa kovimba we hydrokhabhoni. Iintshukumo ezongezekileyo eziphakanyiswayo ziquka,:

- Ukubhola kwamanye amaqula okuhlola aya kuthi ga kwalishumi.
- Uphando lwezombane-mtsallane kuvimba olawulwayo (CSEM).
- Ukukhutshwa kwendawo yokumisa izikhephe ukwenzela kufunyanwe ulwazi lwemozulu yokusingqongileyo neyezolwandle.

Olu hlolo lungachukumisa iintshukumo eziliqela ezidwelisiweyo ngokwemiMiselo ye EIA yango 2014 (njengoko ilungisiwe), yaye ngenxa yoku, siyafuneka isiGunyaziso sokuSingqongileyo (EA) phambi kokuba babe nokuqala. I-SLR Consulting (South Africa) (Pty) Ltd (SLR) ichongwe njengeNgcaphethe ezimeleyo yeNtlobo yokuSingqongileyo ukuba yenze inkqubo yoMiselo-mda neye ESIA yezi ntshukumo zokuhlola ziphakanyiswayo.

### 2. KUTHENI U TEPSA EFUNA UKUQHUBEKA NGEZI NTSHUKUMO ZOKUHLOLA?

NgoJulayi ka 2014, uRhulumente woMzantsi Afrika iqalise i Operation Phakisa ngenjongo, kwezinye, yokuvulela isakhono

sezoqoqosho seelwandle zoMzantsi Afrika. Ngokwayamene noku, kukhethwe amacandelo amane abalulekileyo njengemimandla emitsha yokukhula kwezoqoqosho lezezilwandle, elinye iluhlolo lwe oli nerhasi eselwandle kude nonxweme. Injongo yoku kukuphuhlisa ngakumbi umxholo owenza kube nako ukuhlolwa kwe oli nerhasi, into ebangela ukwanda kwamanani amaqula okuhlola abholwayo, ngexesha kunyuswa ixabiso elibanjelwa uMzantsi Afrika. Ngokwayamene noku, eyona nto kujoliswe kuyo echongwe yi Operation Phakisa kukubholwa kwamaqula okuhlola angama-30 kwiminyaka elishumi. U TEPSA ubonelela ngethuba lokuseka ngakumbi ubungakanani nokukwazeka kwezoqoqosho koovimba berhasi kunye/okanye i-oli efumaneka apha kuMzantsi Afrika kwiBloko Block 11B/12B

### 3. INGABA LIKHONA ITHUBA LOKUSEBENZISANA NOMSEBENZI?

I ESIA ikwisigaba soMiselo-mda ngoku nje, apho ngenkqubo yentatho-nxaxheba, kuchongwa imiba engakhona ukuba ijongwe ngakumbi. I-SLR sele ilungise iDrafti yeNgxelo yoMiselo-mda (i-DSR), efumanekayo ukuba ihlolwe kuze kunikwe izimvo. I DSR: ichaza amanyathelo e ESIA asele ethathiwe ukuza kuthi ga ngoku, kuqkwa ukuthatha inxaxheba kukawonke wonke; ibonelela ngenkcukacha yeentshukumo eziphakanyiswayo kunye nenkcazelo yokusingqongileyo okungathi kuchaphazeleke; yaye ichonga imiba ekhathazayo efuna ukuphandwa ngakumbi ukuze kwenziwe uvavanyo lwempembelelo.

#### Ungabandakanyeka ngokuthi:

- Ufunde esi Sishwankathelo Singenabuchwepheshe (ingxelo epheleleyo iyafumaneka ku [www.slrconsulting.com/public-documents](http://www.slrconsulting.com/public-documents) OR <https://slr11b12b.datafree.co> – iyafikeleleka ngeseli engenayo kwi-intanethi kungekho zindleko ze data).
- Ukumamela okuthethiweyo kweentlanganiso ezikwi intanethi (ii-webinar) ezibanjwe ngo Julayi 2020. Oku kuquka izimvo eziphakanyiswe ngaBantu abanomdla nabaChaphazelekayo (I&AP) neempendulo zokuqala ezivela kwi TEPSA ne SLR.
- Ukuthumela izimvo, imibuzo okanye okukhathazayo kwi SLR kwiinkcukacha zoqhagamshelwano zingezantsi ngeposi, i-imeyili, i-SMS, i-WhatsApp okanye utsalo lomnxeba.

#### Nceda uthumele izimvo zakho ku:

SLR Consulting (South Africa) (Pty) Ltd


PO Box 10145, Caledon Square, 7905

Umnxeba: (021) 461 1118; Iseli: 072 997 3082;

E-mail: [csadan@slrconsulting.com](mailto:csadan@slrconsulting.com)

Izimvo zifanele zifike e SLR kungadlulanga umhla wama

21 Agasti 2020



Umzobo 1: Indawo ekuyo iBloko yeLayisenisi 11B/12B cebu kuhle kuNxweme oluseMazantsi oMzantsi Afrika

#### 4. UNENJONGO YOKWENZA NTONI U TEPSA?

U TEPSA ufaka isicelo sesiGunyaziso sokusiNgqongileyo ukuze enze iintshukumo ezichazwe ngezantsi.


##### 4.1 Ukubhola Amaqula Okuhlola

Ukuhlola kuya kuquka ukubhola ukuya kuthi ga kumaqula alishumi kusetyenziswa isixhobo sokubhola esingangatshoni sonke phantsi kwamanzi (i-rig) esinesixokelelwano esibanzi sokubamba indawo esibufaneleyo ubume oburhabaxa bamanzi anzulu aselwandle (akukho mfuneko yesizinzisi). Ngexesha kusetyenzwa, kuya kunyanzeliswa ummandla wokhuseleko onganze 500 m ongqonge isixhobo sokubhola.

Esi sixhobo (i-rig) siya kuxhaswa sisikhitshana esinamandla esisetyenziselwa ukutsala izikhephe ezinkulu, izikhephe ezimbini ezixhasayo kunye nokuhanjiswa ngehelikoptha phakathi kwendawo le nesikhululo seenqwelomoya sase George. Indawo yokuqela nokulawula lo msebenzi (i-primary onshore logistics base) ingaba kwizibuko lase Mossel Bay (kungaba naseKapa okanye eBhayi).

Umngxuma wequla ukuya kumgangatho wolwandle wenziwa yibhithi yokubhola efakelwe kumtya ojikelezayo, olityumzayo ilitye libe zizinto ezingamaceba ezibizwa ngokuba "okusikiweyo". Ukubhola kwenziwa kwizigaba ezimbini, ezibizwa ngokuba zizigaba zokubhola ngaphandle kombobho ome nkqo (udaka & okusikiweyo kukhutshelwa kumgangatho wolwandle) nokusebenzisa umbobho ome nkqo (okusikiweyo okusetyenziweyo, kunye nodaka olushiyekileyo, kukhutshelwa kwikholam yamanzi) (bona Umzobo 4). Emva kokuba umngxuma ubholiwe, kubekwa imibhobho yentsimbi emngxunyeni ukubonelela ngobume obuqinileyo ize isanyentelwe kule ndawo.

Kulindeleke ukuba kuthathe iinyanga ezintathu ukuya kwezintandathu kwiqula ngalinye ukugqiba ukubhola okwenziwayo kunye novavanyo, kuqukwa nokuhambisa kwanokumisa ngxi izikhephe ezinkulu.




Adapted from: <https://en.wikipedia.org/wiki/Drillship>

##### Umzobo 2: Izigaba zokuBhola

##### 4.2 Uphando Lwezombane-mtsalande Kuvimba Olawulwayo (CSEM)

Uphando lwe CSEM lusetyenziselwa ukuchonga iimpaeu ezithile zezamatye ngaphantsi komgangatho wolwandle

ukuze kubonakaliswe ubukho boovimba be hydrokhabhoni. Uphando lwe CSEM lubandakanya ukwenza ifildi yombane kusetyenziswa umthombo otsalwayo. Kubekwa uluhlu lwezixhobo zokufumana ulwazi lungumfuziselo wegridi kumgangatho wolwandle ukuze zishicilele iinguqu kule fildi ikhutshwayo ezibangelwa ngumaleko wokuxhathisa ngaphantsi nje komphezulu (bona Umzobo 3). I-CSEM ayibangeli nenjani ingxolo phantsi kwamanzi, kodwa endaweni yoko ikhupha ifildi yezombane-mtsalande. Umthombo okhutshwayo uphatha kuwo amandla angephi, athi aphele emehlweni ngokukhawuleza kumanzi olwandle. Uphando lwe CSEM lulindeleke ukuba luthathe ukuya kuthi ga kwiinyanga ezintathu ukugqitywa. Ummandla wokhuseleko oya kuthi ga kwiikhilomitha ezi 2 uyafuneka ukungqonga apho kusetyenzwa khona.



**Umzobo 3:** Umzobo obonisa okudla ngokuba luphando lwe CSEM kuboniswa umthombo otsalwayo kunye nezixhobo zokufumana ulwazi kumgangatho wolwandle (ekhohlo); umthombo (ekunene entla) nesifumani-lwazi (ekunene ezantsi)

##### 4.3 Ukukhutshwa kwendawo yokumisa izikhephe ukwenzela kufunyanwe ulwazi lwemozulu yokusingqongileyo neyezolwandle (i-Metocean Buoy Mooring)

Kuya kukhutshwa ukuya kuthi ga kwisihlanu sezixhobo zokulinganisa imozulu kwi Bloko 11B/12B kwisithuba sonyaka omnye ukulinganisa imisinga, amaza, iqondo lobushushu amanzi, amazinga engxolo yamanzi endalo, imida yomoya ovuthuzayo nomoya osezulwayo. Isixhobo sokulinganisa amaza (wave buoy) siya kufuna ummandla wokhuseleko wexeshana ophakathi kwe 500 m ne 2 km yomkha-sangqa kumphezulu wolwandle (kuxhomekeke kubunzulu bamanzi). Zonke izikhephe ziyakunqandwa zingangeni kulo mmandla wokhuseleko.

##### 4.4 Ukuphendula Ngemo Kaxakeka (ukuchitheka kwe oli)

Ukuba kungavela isiganeko esingafane senzeke sokuchitheka kwe oli, u TEPSA uneekontraka namaqumru akhawulelanayo kumhlaba jikelele ukuba kusetyenziswe izixhobo ezikwizinga eliphezulu zokuvala zingcibe amaqula (umz. ukuba isithinteli sokudubula sisilele). Elinye lamaqumru linoovimba balo e Saldanha elinye e UK nase Singapore. Iinkcukacha zokuhanjiswa kwezixhobo neenkonzo zokukhawulelana ziya kuqulathwa kwiCebo Elikhawulezileyo loMhla wokuChitheka kwe Oli le TEPSA kunye neCebo Elikhawulezileyo loDubulo elakhelwe iqula ngalinye.

## 5. BOBUPHI UBUNTUNUNTUNU OBUBALULEKILEYO OBUKHOYO KOKUSINGQONGILEYO NASELUNTWINI?

Okusingqongileyo okungathi kuchaphazeleke kungohlulwa kube ziindidi ezintathu: (1) Ezibambekayo kubume, (2) Ezendalo ne (3) zentlalo noqoqosho.

### 5.1 Ezibambekayo kubume bokusingqongileyo

Ubume bokusingqongileyo buquka imiba efana nomoya ovuthuzayo neqondo lobushushu, imisinga yolwandle, umgangatho phantsi kwamanzi (i-bathymetry), amaza kunye nentlenge kumgangatho wolwandle. Unxweme oluseMazantsi luyaziwa ngeziganeko ezigqithisileyo zemozulu ezidla ngokwenzeka ngexesha leenyanga zobusika phakathi kwenyanga kaCanzibe neyoMsintsi. Ummandla ocebu nonxweme ulawulwa kakhulu nguMsinga ofudumeleyo we Agulhas. Ubukhulu bomgangatho wolwandle osebindini kwi Agulhas Bank unamatye kunye neendawo ezombathiswe apha naphaya yintlenge. Umgangatho wolwandle kule ndawo iphakanyiselwa ukubholwa okutsha unentlenge engadibenanga.

### 5.2 Okwendalo kokusingqongileyo

UNxweme oluseMazantsi luxhasa ubutyebi beendidi ngeendidi zobomi baselwandle kuquka impilo entununtunu ekumazantsi olwandle, i-plankton, iintlanzi nookrebe, amafudo, iintaka zaselwandle kunye nezilwanyana zaselwandle (ziquka umnenga, kuma nezinja zaselwandle). Ezinye iindawo ezintununtunu kumazantsi olwandle kwiBloko 11B/12B zithathwa njengezisengozini, ngexa inkitha yeentlanzi xa ugugutha Unxweme oluseMazantsi yayanyaniswa ne plankton, edala inxenywe ebalulekileyo yoxhomekeko lwendalo kwenye ngokutya. Iintlanzi eziqhele ukubonwa kakhulu ematye, ngaphaya kwethambeka nakumanzi asenxwemeni kwiBloko 11B/12B ziintlobo ezinkulu ezihambahambayo kulwandle oluvulekileyo, kuquka iindidi zeetyhuna, i-billfish nookrebe. Uninzi lookrebe luthathwa njengezisengozini yi International Union for Conservation of Nature (i-IUCN).

Iintlobo ezintathu zofudo ziyafumaneka xa ugugutha Unxweme oluseMazantsi, zibizwa ngokuba yi leatherback (Isengozini Ngokugqithisileyo), i-loggerhead nangamanye amaxesha i-green turtle (zombini zisengozini), ngexa iindidi ezingama 60 zeentaka zaselwandle zaziwa okanye kucingelwa ukuba zingakhona kuzo iindidi ezili-15 zizala kulo mmandla, uninzi lwazo kwiziqithi ezisenxwemeni.

Izilwanyana zaselwandle ezaziwayo ukuba zikhona okanye zingakhona apha kuNxweme oluseMazantsi ziindidi ezingama 35 zeminenga neenguza. Kwezi, ezinye zithathwa njengezisengozini eGqithisileyo, Ezisengozini, nezintununtunu engozini kuluhlu loLwazi oluBomvu loMzantsi Afrika (South African Red Data). Iindidi ezingathi zibonwe kakhulu kwi Bloko 11B/12B yinguza eyi common bottlenose dolphin, umnenga i-long-finned pilot whale, i-Bryde's whale, i-southern right whale ne humpback whale. Ii baleen whales ziquka uhlobo i-blue, i-fin, i-sei, i-minke, i-dwarf minke, i-Bryde's, ne pygmy right. Kwiminenga enamazinyo, kungathanda ukubonwa i long-finned pilot whales yaye i short-beaked common dolphin zezona zingathanda

ukubonwa kwii odontocetes, ngexa iminenga ebulalayo ii killer whales nazo zikhe zabaniswa. Kungathi kudityanwe nee sperm whales kumanzi anobunzulu obungaphaya kwe 1 000 m. I-Cape fur seal lulo lodwa uhlobo lwezinja zaselwandle ekungadityanwa nalo kwi Bloko 11B/12B. Ezona ndawo zikufutshane zokuzala xa ugugutha uNxweme oluseMazantsi sisiqithi i Seal Island e Mossel Bay, kunweme olusemantla e Robberg Peninsula e Plettenberg Bay nase Black Rocks (iqela le Bird Island) e Algoa Bay.

Zisibhozo lindawo Ezikhuselweyo kuNxweme loLwandle (Coastal Marine Protected Areas (ii MPAs)) yaye zisixhenxe lindawo Ezikhuselweyo Cebu kuhle noNxweme loLwandle (Offshore Marine Protected Areas) xa ugugutha Unxweme oluseMazantsi (bona Umzobo 4). Iindawo Ezibalulekileyo ngokweZinto Eziphilayo nalapho Ziphila Khona okanye NgokweNdalo (ii-EBSAs) ziyafunyanwa nazo kufutshane nale bloko. Inxenywe esemantla ye Bloko 11B/12B igqitha kwi Kingklip EBSA eyathi yachongwa ukuba inikeze ukhuseleko kwi Secret Reef, i-Kingklip Koppies ne Kingklip Ridge, kuquka ubume obusandula ukufunyaniswa be biogenic coral reef ezineendidi ezintununtunu zeekorale, zee bryozoans, zee mollusc nezoo nonkala. Lo mmandla mtsha wokubholwa uphakanyiswayo uyayiphepha i Kingklip EBSA.


### 5.3 Okusingqongileyo kwezentlalo noqoqosho

Unxweme OluseMazantsi yindawo yokukhenkethela ethandwa kakhulu yaye ineendawo eziliqela zokuhlala eziselunxwemeni phakathi kwe Cape Agulhas ne Bhayi, ezidityaniswa nguholo wendlela u N2 ogqitha kuzo okanye ozigwegwelezayo iidolophu ezinkulu zase Mossel Bay, i-George, ne Knysna ne Jeffrey's Bay. Izinto eziphambili zokhenketho nokuzonwabisa zijolise kakhulu kolu nxweme luhle olunomhlaba onamatye nonxweme olunesanti eninzi. Ezokhenketho ludlala indima ebalulekileyo kwezoqoqosho lwezixeko ezininzi kulo mmandla ugugutha ngonxweme.

Amacandelo amaninzi okulobela ukuthengisa asebenza kumanzi asisidibi nalawo anzulu kuNxweme oluseMazantsi. Ukuloba okuninzi kwenziwa kumanzi asisidibi kummandla orhangqe umhlaba kwi Agulhas Bank ukuya kubunzulu obuli 1 000 m. Ukuloba okulindelwe ukuba kwenzeka kulo mmandla osemantla wale Bloko 11B/12B kuquka i-demersal trawl, i-midwater trawl ne demersal longline fisheries, kodwa oku akungefane kwenzeka kumanzi anzulu apho kuphakanyiswa ukubholwa khona.

Ukuloba okungade kugqithe kwizigaba ezinamanzi anzulu kukuloba ngomgca omde omkhulu wokuloba ityhuna i-swordfish nookrebe (kakhulu ukrebe i mako shark), nto leyo eyenzeka kummandla omkhulu kwi EEZ yoMzantsi Afrika nakwindawo erhangwe ngumhlaba esisidiba nakude le cebu nonxweme. Uninzi lwezikhophe ezinkulu eiloba ngemigca emide Most zisebenza ukusuka eKapa yaye ukuloba kwenzeka unyaka wonke kulotywa kakhulu kumaxesha asebusika (eyeSilimela) nasentlakohlaza.

Ezinye iintlobo zokuloba, ezifana ne chokka squid, i-south coast rock lobster, i-traditional line fishing, i-small pelagic purse seine nezinye ii mariculture farms, zeneka kummandla okufutshane kakhulu enxwemeni yaye azilindelekanga ukuba zichaphazeleke kukuhlola okucetywayo.



Umzobo 4: Iindawo ezikhuselweyo eLwandle kunye neendawo eziphakanyiswayo ezibalulekileyo kokuphilayo neendawo eziphila kuyo okanye kwiNdalo ngokwayamene ne Bloko 11B/12B (okubomvu) kunye nendawo entsha ephakanyiswayo yokubhola (oku-orenji)

## 6. I-ESIAZA KUHLANGABEZANA NJANI NOKUCHAPHAZELEKA KOBUME BOKUSINGQONGILEYO?

Ngenxa yeentshukumo eziphakanyiswayo kunye nobuntununtunu bobume bokusingqongileyo obuchaphazelekayo, zichongiwe iimpembelelo eziliqela ezingathi zibaluleke yaye zishwankathelwe kolu Ludwe. Ezi mpembelelo zibonisa ngokusekelwe kwiintsukumo zangaphambili zokubhola kokuhlola yaye ziya kuvavanywa ngokusesikweni ziingcaphephe ngexesha le ESIA, bexhaswa kukusetyenziswa kolwazi olutsha oluzekeliso.

Intshukumo yeProjekthi	Ukuchaphazeleka Okucingelwayo
<b>Utyalo-mali kwicandelo le O&amp;G</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufaka isandla/ukwenza igalelo kwezoqoqosho likazwelonke.</li> </ul>
<b>Ukufumana nokusetyenziswa ababoneleli ngeenkonzo balapha nengqesho</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufumana nokusebenzisa ababoneleli ngeenkonzo balapha okwethutyana kumsebenzi oselunxwemeni nokuhanjiswa kwehelikopta njal-njl.</li> <li>Ingqesho enyiniwweyo yethutyana yabasebenzi abambalwa abanezakhono kwanabo bangenabo kakuhle ubuchule (umz. apho kwenziwa umsebenzi wokucebisa nokufezekisa umsebenzi).</li> </ul>
<b>Ukufumana nokusetyenziswa kwezinto ezithengiswa apha kunye neenkonzo ezilapha (umz. indawo yokuhlala nokutya)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukunyuka (nangona kunyiniwe) kwenkcitho yalapha kule ndawo kwiidolophu zonxweme olusemazantsi.</li> </ul>
<b>Ukukhutshwa kwamanzi azinzisayo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukukhutshwa kwamanzi azinzisayo, ngakumbi xa izikhephe ezinkulu zihamba zisiya okanye zibuya kulo mmandla ubholwayo, kungasasaza iindidi zezinto eziphilayo ezingaqhelekanga nezithubelezayo kwindawo leyo.</li> </ul>
<b>Imimandla yokhuseleko ekufutshane nesixhobo sokubhola nezikhephe ezixhasayo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukungalotywa kummandla wokhuseleko ongama 500 m ukuya kwi 2 km ngexesha kusenziwa ezi ntshukumo zalo msebenzi.</li> </ul>
<b>Ukukhutshelwa kwamanzi amdaka elwandle (umz. amanzi angwevu, ilindle, ukomisa umgangatho wesikhephe) avela kwisixhobo sokubhola nasezikhepheni.</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukungcolisa amanzi olwandle kunye neziphumo kwimpilo yezilwanyana zaselwandle.</li> <li>Ukunyuka komtsalane we plankton, iintlanzi nezinye izilwanyana kwindawo ekubholwa kuyo.</li> </ul>
<b>Ukunyuka kwengxolo yendalo yendawo ivela kwiihelikopta</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphazanyiswa kwezinja zaselwandle kunye neentaka zaselwandle elunxwemeni.</li> <li>Ukuphazanyiswa / ilahleko yemvakalelo yendawo kubantu abahlala apha nakubakhenkethi.</li> </ul>
<b>Ukukhutshwa kokusikiweyo kukubhola okuvela kwizixhobo zokubhola kunye nokuphazanyiswa kwentlenga kumgangatho wolwandle ngexesha kubholwa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukunyuka kwezinja lokuba nkungu kwamanzi olwandle kunye nokungcola kobulunga bamanzi kuvela ekungcoleni kwentlenga kunye neziphumo kwimpilo nokuphazamiseka kwiintlanzi nezinye izilwanyana zaselwandle.</li> <li>Ukufuthaniseleka kwezilwanyana ezintununtunu kumgangatho wolwandle kubangelwa kukuwela kokusikiweyo nesamente kuwo.</li> </ul>
<b>Ukwenza ingxolo phantsi kwamanzi ngokubhola nokusebenza kwezikhephe kunye noKhangelo lokuZamazama koMhlaba ngokume Nkqo (Vertical Seismic Profiling)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphazamiseka kwezilwanyana zaselwandle kunye neentlanzi kummandla ekuhlolwa kuwo.</li> <li>Ukubekwa kwenye iindawo kweentlanzi nokuloba.</li> </ul>
<b>Ukushiya ubume bequla eliphantsi kolwandle kumgangatho wolwandle</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphazamisana neentshukumo ze demersal trawling okanye zezixhobo zoluloba.</li> </ul>
<b>Iziganeko ezingacetywanga ezinokwenzeka ezifana nokudubula kwequla, izinto eziwayo okanye ukulahlekelwa ngamafutha xa kusethiwa izikhephe</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukungcolisa ubomi baselwandle kuqukwa nokufa okungakhona kwezilwanyana zaselwandle.</li> <li>Izinto ezinkulu eziwayo zingaphazamisana neentshukumo zokuloba okanye umonakalo kwizixhobo zokuloba</li> <li>Ukudiyobha nge oli iindawo ezintununtunu eziselunxwemeni ukuba kungakho isiganeko esingafane senzeke sokuchitheka okukhulu kwe oli.</li> <li>Ukuphazamiseka kwamaqela asebenzisa unxweme ukuba kungakho isiganeko esingafane senzeke sokuchitheka okukhulu kwe oli.</li> </ul>

Ukuphendula ezi mpembelelo zingathi zibe khona ezikhankanywe ngasentla, le mfuna-lwazi ilandelayo yeengcaphephe iza kwenziwa:

- Imizekeliso yokuchitheka kwe oli, okusikwa kukubhola kunye nokusasazwa kwengxolo engaphantsi kwamanzi.
- Uvavanyo lwezinto eziphilileyo neendawo ezihlala kuzo elwandle naselunxwemeni.
- Uvavanyo lwezokuloba izinto ezithengiswayo.
- Uvavanyo lwezentlalo.

## 7. KOKUPHI OKULANDELAYO OKUYA KWENZEKA?

- Zonke izimvo ezifunyenwe ungalulanga umhla wama **21 Agasti 2020** ziya kuphendulwa njengenxalenye yeNgxelo yeZimvo neeMpendulo.
- Ingxelo yoMiselo-mda iya kuhlaziywa ngokusekelwe kwizimvo ize ingeniswe kunye neNgxelo yeZimvo neeMpendulo kwi Petroleum Agency of South Africa (PASA).
- I-PASA iya kuthi ke ibe neentsuku ezingama 43 zokuyamkela okanye ziyikhabe iNgxelo yoMiselo-mda.
- I-SLR iya kwenza uvavanyo lwempembelelo ize ilungise iNgxelo ye ESIA.
- Ingxelo ye ESIA iya kwenziwa ifumaneka kubantu ababhalisiweyo abazii I&APs ukuze bayihlole baze banike izimvo.